

Mfundi oBekekileyo oseza kuba yiMatie

AMAQELA ABAFUNDI ABAHLALA NGAPHANDLE (iCSC) KWIYUNIVESITHI YASESTELLENBOSCH

Siyavuyisana nawe ngokwamkelwa phantsi kwemiqathango yokungena kwinkqubo yezifundo yeYunivesithi yaseStellenbosch (iSU). Sinemincili ngokukwamkela ngo2025.

Injongo yale ncwadi kukukwazisa ngaBafundi bethu abaThuthwayo. ESU, bangamalunga nomyinge wama75% kwabo babhaliswe abangabafundi abahlala kwiindawo zangaphandle. Abafundi bafakwa kwiindawo abanokuthuthwa kuzo ngenjongo yokubanika amathuba ahangaleleyo ukuze babe nokuqhelana ngokuyimpumelelo noluntu kwanezifundo ekhampasini. Ezi ndibanisela zoluntu zibekwe kwimeko yokuze zikwazi ukunika abafundi abahlala ngaphandle amava okub aseyunivesithi apheleleyo naneyantlukwano. Ukuza kuthi ga apha, amava asekelwe kwiifundo kwanalawo angaphandle kwegumbi lokufundela ayinxalenye yezona nkalo ziphambili egxile kuzo Isu kwinkalo yophuhliso lwabafundi.

Yintoni iQela laBafundi abahlala ngaphandle?

Lo ngumbutho omiselwe ukunikezela inkxaso kubafundi baseSU abahlala kwiindawo zangaphandle. La maqela ke alawulwa yiYunithi yaMaqela laBafundi abahlala ngaphandle ekwiZiko loBomi baBafundi nokuFunda (iCSLL) yaye afumana inkxaso kwiinkokheli zabafundi ezivotelweyo.

Iqela ngalinye lilo elijongana nokuqhelaniswa kwabafundi balo abatsha ze linikezele nangamathuba okufikelela kwiintshukumo zezemidlalo, ezingenkubeko kwakunye nezoluntu ndawonye nakumathuba ophuhliso lobunkokheli. Abatsha banikwa umcebisi ophuma kumaqela abo. Siyakholelwa ekubeni eli qela lenkxaso linegalelo ekubeni iSU inikezele ngabantu abanezidanga abanezakhono ezigqibeleleyo.

Nceda uqwalasele: AmaQela abafundi abahlala ngaphandle **AWANIKEZELI** ngendawo yokuhlala kubafundi. Ukuba uza kube ungahlali kwindawo yeyunivesithi, kufuneka uzifumanele indawo yakho ngokwakho.

Ndiba lilungu njani?

Ubulungu bunikezelwa kubo bonke abafundi ababhalisiweyo abangahlali kwiindawo ezihlala abafundi zaseSU. Kunyanzelekile ukukhutshwa kweentlawulo zobulungu kula maqela; yaye zithatha kwiakhawunti yomfundi de kube sekupheleni kwezifundo zeonazi.

Abafundi abahlala ngaphandle banikezelwa kwelinye lala maqela alishumi elinanye laBafundi abahlala ngaphandle ngokwemigaqo yoMgaqonkqubo yokuNikezela. Awukwazi ukusuka kwelinye iqela uziyele kwelinye, yaye ukuba kwakho kwelo ufakwe kulo kuba njalo lonke ixesha lakho useseSU. Onke amaqela anikezela ngomgangatho ofanayo wenkxaso yezezifundo neyemicimbi yoluntu yaye ikunika ukufikelela kumaziko akho kwiklasta nganye. Ubulungu beCSC bukwakuvumela ukuba uthabathe inkxheba kwiintshukumo njengeMatie. Iifakhalthi zemfundo zifaka abafundi kwizifundo zamaqela ezifundo ngokweklasta yomfundi ngamnye.

Uhlobo lwemihlangano yeCSC

Amaqela aBafundi abahlala ngaPhandle akwasebenzisa amaqonga ezobuchwepheshe ukuze aqinisekise inkxaso ezifundweni nakubacebisi, imihlangano yabafundi kwakunye namatyathanga othungelwano angafikeleleka nangona zikho nje izidingo zothutho kubafundi abahlala ngaphandle. Oku ke kuthetha ukuba bafikelel kuthotho lwamathuba alulutho naqinisekisa ukuba bahlala benxibelelana nekompasi kwanakumanye amalungu.

Iqela lakho njengomfundi liya kuba yinkalo yakho yokufikelela kwinkqubo yobomi bekhampasi yaseSU, kube ngoko kuqinisekiswa ukuba ixesha lakho eStellenbosch lilelityetyiswe ngamathuba okuhluma nawezoluntu.

Ileta ebhekiswe kuwe esuka kwiqela lakho oza kuba lilungu lalo, elichaza izinto ezichaphazela ukwamkelwa kwakho kwanenkqubo ka2025 yokuqhelaniswa kwakho, iya kulandela embindini wenyanga yoMnga ka2024.

Iinkcukacha ezizezinye

Ileta yokufawa kwakho kwiqela iya kuthunyelwa kuwe kumbindi wenyanga yoMnga ka2025. Uya kufumana nencwadana eyeyakho yokukwamkela neyokukuqhelanisa neqela ofakwe kulo.

Ngeenkukacha ezithe vetshe ngesimo samaqela, nceda ucofe [apha](#).

Njengoko kutshiwo ngentla apha, iYunithi yamaQela abafundi abahlala ngaPhandle alinakho ukukunika iinkcukacha ezingendawo zokuhlala zangaphandle. Kodwa ke, nceda utyelele eli khasi lewebhu, apho uya kufumana khona uncedo kule nkalo: www.maties.com > [accommodation](#) > [private accommodation](#).

Ngemibulisi emihle yeMatie

IYunithi yamaQela aBafundi abahlala ngaPhandle

csc@sun.ac.za



forward together
sonke siya phambili
saam vorentoe

Centre for Student Communities | IZiko loLuntu aBafundi | Sentrum vir Studentegemeenskappe
Student Affairs | ImiCimbi yaBafundi | Studentesake
+27 21 808 3064 | ssg@sun.ac.za | www.sun.ac.za
Private Bag X1 | Privaat Sak X1 | Matieland 7602 | South Africa | eMzantsi Afrika | Suid-Afrika
11 Bosman Street | 11 eBosman Stalato | Bosmanstraat 11